Downloaded from Stanmorephysics.com


**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo Lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama 50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama 30 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama 40 |

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A noB ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

### ISICATSHULWA A

**IKHANDLELA LIBUFANA NOMNTU**

1 Alingebi liyafana ikhandlela nomntu ngenxaxheba yalo kumzi ngamnye, kuhlanga ngalunye nakwisithethe ngasinye? Nanjengoko ikhandlela linika ukukhanya, nomntu uyakunika. Yibanomfanekiso wesibane esiyititshala ethi ngokwazi isifundo sayo, ikwazi ukulumeka kumfundi ngamnye eklasini kutsho kwande uhlobo oluthile lwabantu ekuhlaleni njengoogqirha neenjineli. Nanjengokuba ikhandlela lizisa ivumba elimnandi endlwini, nomntu uthi ngokwenza kwakhe kwabanye abantu kubonakale kusosulelana abantu ngezenzo ezihle, besenzelana, besenzisana okuhle.

2 Umntu unamandla okuphungula uxinzelelo lwengqondo nolomphefumlo ngobukho bakhe kulowo udinga inkxaso. Nekhandlela liyalayitwa ngenjongo yokuphungula uxinzelelo. Oogqirha abasebenza ngoxinzelelo lwengqondo bacebisa ukuba umntu ova uxinzelelo lwengqondo makalayite amakhandlela. Nomntu uyaluphungula uxinzelelo lwengqondo ngokunika amazwi enkxaso nawentuthuzelo atsho athi thimbilili onoxinzelelo.

3 Kusekho umnqa wokuba kakade kuvutha yiphi phakathi komtya namafutha, kuphila yiphi phakathi komzimba nomoya. Abafundi besayensi abadala nabancinci bafunise beza neempendulo ngekhandlela. Kwiklasi yebanga lesithandathu endafika umbuzo, ingu, '*Wick* or *wax*?' kwaphuma ibango elithi, 'Ewe, kutsha amafutha kodwa xa ewodwa, umtya ungekho, atsha nje umzuzwana aphele, kucime. Nangomtya kwathiwa, kutsha umtya, kodwa xa amafutha engekho umtya uvutha umzuzwana utshe, kucime. Kufuneka umtya, amafutha nomlilo wokuqhwitha. Yavela ingxaki! Alihlali idangatye xa ikhandlela likwindawo evalelekileyo, umlilo ufuna umoyana. Lilonke njengam nawe, ikhandlela liyaphefumla. Lidinga i-oksijini ukuze livuthe, likwakhupha ikhabhoni-dayoksayidi njengokuba esenza umntu xa ephefumla. Usatsho na ukuba likude nomntu ikhandlela ngokwenza?'

4 Ichule lathi, '**Nantoni na efuna ukuzisa ukukhanya mayikunyamezele ukutsha**.' Umntu nekhandlela bayatsha ngenxa yokukhanyisa. Ukunyibilika kwekhandlela elitshayo kukhumbuza iinyembezi zomntu okwintlungu nonyamezelo lokudlula kwindlela yokutsha ukuze kukhanye. Yibanomfanekiso womzali obila esoma ekhaya, ephekuza amaqhwa, ezama ukuba abantwana babezizinto ebomini. Nawe ke mfundi ufana ncam nekhandlela kuba akukho nto wakhe wafika ichophe efestileni, ikubiza, kwezi sele unazo. Wonke umntu kufuneka atshe njengekhandlela ukuze aphumelele. Zikhe zifuneke iinkxwaleko nobunzima endleleni ukuze umntu abonwabele ubuncwane bobomi abufumanayo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

5 Ikhandlela nomntu banoxanduva lokukhanyisa. Buyimfuneko ubumnyama ukuze kuqaqambe ukukhanya. Isikhanyisi masibekwindawo emnyama ukuze avele amandla okukhanyisa. Yibanomfanekiso wetitshala efundisa izifundiswa. Sibayintoni isiphumo? Sibazizifundiswa ezifundileyo? Ofuna ukukhanyisa makaye kubantu abamdinga kakhulu ukuze livakale ifuthe lakhe, abelivumba elimnandi apho. Nesityebi esihlala nezityebi kwindawo yezityebi, siphinde sincede izityebi kuba izizo esihlala nazo, asandisi nto kuba sikhanyisa ekukhanyeni.

6 Ukusebenza kwekhandlela nokomntu sekufuthele neelwimi ngezaci ezisekwe kuzo. Ukucacisa iingxushungxushu zomsebenzi omkhulu ngexesha elincinci amaNgesi, athi 'Sitshisa ikhandlela macala' lo gama amaXhosa athi, 'Sibila sisoma'. Ezi zaci zithetha ukuba akulalwa, kusetyenzwa ubusuku nemini. Iilwimi sezisosulelana ngezaci. Isaci usigqibela sikulwimi oluthile ubone sesitshila nakolunye. AmaXhosa athathe esithi, 'Kungcono ndilayite ikhandlela kunokuba ndihlalele ukushwabulela ubumnyama, obunokuba ziziphumo zokungenzi.' Asisebenzisa ukuzivuselela xa esetha amandla. Sithathelwe ekubeni umlilo wekhandlela wenza umsebenzi omkhulu nokuba mncinci. AmaXhosa xa umntu engasatshayi ngaloo nqawa athi unyibilika axel'ikhandlela. Oku kubonisa ukuba umntu uyafana nekhandlela.

7 Kwizithethe ikhandlela nomntu ngamaphuth'ahlathinye ekusetyenzisweni kwikhaya eliphantsi kwelifu elimnyama. Ubukho bomntu nobekhandlela buyayicuntsula intlungu. Ukuvela kwabantu kukodwa kuyaphilisa, de kuthi, bakukhupha ikhandlela – eliyimalana engumkhumezelo yokuncedisana nekhaya ukuze isibane salo singacimi ngexesha usaqhuba umsebenzi wokungcwaba. Nakwizithethe zokuvuya nezothando umntu nekhandlela abashiyeki. Akuvela umntu, kutshiswe ikhandlela kubamnandi. Ikhandlela litsha qho kubumnandi bokongeza unyaka womntu, ahlohlwe kulaa keyiki. Thara-a-a! Umoya weminqweno emihle.


8 Ikhandlela nomntu lifana ngokufundisa nangezenzo. Ikhandlela liyalilumeka iwaka lamakhandlela ungacimanga, wacutheka umlilo welilumekayo. Nomntu owenza okuhle kwabanye utsho ngesithatha sokuhle esingapheliyo. Lisifundisa ukungaphelelwa, nokungapheli xa usenza okuhle komnye umntu. Kongezeleleka amandla, kunwenwe ubuhle. Ungabuza uvakalelo lwetitshala nganye xa ibona abantwana eyayibafundisa beziinjineli, beziiprezidenti sebengaphezu kwayo.

9 Liyafana ikhandlela nomntu. Ubungqina busekusebenziseni kwazo zombini de kudlulwe nangaphaya kwesiphelo sazo. Zombini zikhunjulwa ngemisebenzi yazo yangokuya bezisaphila xa seziphelelwe bubomi. Imisebenzi ekhunjulwayo iquka ukukhanyisa, ivumba elimnandi, ukuzola nokuphozisa.

[Imithombo ithathwe ku: https://www.scottschuleit2014.com yaguqulelwa esiXhoseni yaze yahlelwa]

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA B**



[Uthathwe ku: https://ar.inspiredpencil.com/pictures-2023/dripping-candle-drawing]

**IMIBUZO: ISICATSHULWA A**

**Jonga kumhlathi woku-1**

1.1 Xela ukufana komntu nekhandlela ngokombuzo buciko okwisivakalisi sokuqala. (1)

1.2 Nika zibeziBINI izenzo ezihle ezenziwa ngumntu nekhandlela. (2)

1.3 Sizisa ntsingiselo ni isakhi esinomgca ngaphantsi kulo mhlathi? (2)

**Jonga kumhlathi wesi-2**

1.4 Xela ukuba umntu nekhandlela baluphungula njani uxinzelelo lwengqondo nolomphefumlo kumntu odinga inkxaso. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-3**

1.5 Khankanya isizathu sokuxakeka kwabafundi besayensi abadala nabancinci malunga nekhandlela. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

Ikhandlela lisondele emntwini ngokuphefumla ngokuba zombini zidinga ...

A ikhabhoni-dayoksayidi zikhuphe i-oksijini.
B i-oksijini zikhuphe ikhabhoni-dayoksayidi.
C ikhabhoni-monoksayidi zikhuphe i-oksijini.
D i-oksijini zikhuphe ikhabhoni-monoksayidi. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-4**

1.7 Xela ukuba ingasetyenziswa xa kutheni intetho ebhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-5**

1.8 Xhasa ukuchaneka kwemizekelo ekhankanywe kulo mhlathi emalunga nemfuneko yobumnyama ukuze kuqaqambe ukukhanya. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-6**

1.9 Chaza ukuba kulufuthela njani ulwimi ukusebenza kwekhandlela nokomntu. (1)

1.10 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi malunga nokukhula kolwimi. (2)

1.11 Caphula isaci esingekhandlela esibhekisa kumntu osele engafuni ukuyenza into ebethembise ngayo. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-7**

1.12 YINYANI/LULUVO ukuba umntu nekhandlela ngamaphuth'ahlathinye? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.13 Tyhila iintsingiselo eziMBINI zekhandlela ngokwalo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-8**

1.14 YINYANI/BUBUXOKI ukuba umntu uyaphelelwa ngamandla ngokuya enceda abanye ngokwalo mhlathi? Xhasa impendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-9**

1.15 Chaza ukuba angakhunjulwa ngantoni umntu nekhandlela xa bengasekho ngokwalo mhlathi. (1)

**ISICATSHULWA B**

1.16 Khankanya zibeMBINI izinto ezikumhlathi we- 4 ezibonakala kumfanekiso. (2)

1.17 Tyhila ukuba umfanekiso womeleza luphi uluvo kwezikumhlathi we-4. (2)

1.18 Nika umyalezo wezi zicatshulwa zozibini malunga nekhandlela nomntu. (2)

**AMANQAKU ECANDELO: A 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO B: USHWANKATHELO**

**UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA**

ISICATSHULWA C sithetha **ngomakuqwalaselwe ngumntu phambi kokuba amkele umsebenzi omtsha.**
Shwankathela ngenjongo **yokucebisa ngomakuqwalaselwe ngumntu oza kuqala umsebenzi omtsha.**

**QAPHELA:**

1. Bhala UMHLATHI ongenaziphene usebenzisa amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma EZISIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**ISICATSHULWA C**

**OMAWUKUQWALASELE PHAMBI KOKWAMKELA UMSEBENZI OMTSHA**

Kuxhaphakile ukuba ukufumana umvuzo kubeyeyona nto ibalulekileyo kuye nabani na ofumana umsebenzi. Kanti zikho nezinye izinto ezibalulekileyo ezifuna ingqwalasela phambi kokuthatha isigqibo sokuwamkela umsebenzi omtsha. Makaqwalasele okulandelayo umntu ukuze angaziboni egaxeleka kwingxaki angenakubasakwazi ukubuya umva kuyo.

Kuyimfuneko kofumene umsebenzi ukufumana isivumelwano esibhaliweyo asiphicothe, aqinisekise ngemo yomsebenzi awufumanayo. Kaloku usenokuthi kanti umsebenzi awufumanayo ngowethutyana, okanye usisigxina kungenjalo sisingxungxo nje. Lisolotya elinokumkhonkxa umntu elo xa engalibonanga kwangoko.

Ukufumaneka kwesibonelelo sezempilo nohlobo lwaso, nemali esikunika yona kuyafuna ukuthathelwa ingqalelo emsebenzini. Kwezinye izibonelelo zezempilo umsebenzi angazibhaqa sele esebenzela ukuhlawula isibonelelo xa umsebenzi uncedisa ngemali encinci kwisibonelelo kunokuba ebelindele.

Ezinye iinkampani zineenkqubo ezingahambelani nemigaqo karhulumente kwaye alifani nexesha lokuqalisa kwinkqubo yomhlalaphantsi. Ezinye umntu zimqalisa emva kweminyaka ethile. Osayina engekaqondi angazibona esithi akwaba sekukwabekile, engenakubasajika nto. Kubalulekile ukwazi inkqubo eyisebenzisayo inkampani yokubekela bucala imali yomhlalaphantsi wabasebenzi.

Kunokumnceda umntu ukuphicotha iinkcukacha malunga neendidi zekhefu ezisetyenziswa kumsebenzi awujongileyo. Nobungakanani obu bekhefu, iindidi zekhefu, iinani leentsuku ezinokuthathwa ngaxeshanye zizinto ezididayo azibone exakiwe sele ilapha ikresimesi nepasika, abantu begoduka, abengathi uyaqala ukuyazi indlela elisebenza ngayo ikhefu lakhe.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Iinkampani ezininzi zikhe zithi kanti azinantlawulo ingaphaya komvuzo abe umsebenzi ecinga ukuba imfanele imali kanti akafundisisanga isivumelwano. Ingabubuchule ukuqinisekisa kuphicotho alwenzayo agqale ulwazi olubhalwe phantsi malunga namalungelo abasebenzi aquka izibonelelo ezifana nebhonasi, nentlawulo yomsebenzi wamaxesha ongezelelweyo.

Kungakuhle ukubanolwazi ngamalungelo amalunga nokudendwa, nokonzakala esemsebenzini. Ingqondo iyazula ngexesha lokudendwa, ilindele imali kube kanti isivumelwano satyikitywa nje singafundwanga. Ibayimini yezothuso, sele kukubi.

Kulungile nokuqinisekisa indawo okuyo umsebenzi omtsha nokuthi uyawanika amathuba okusebenzela ekhaya ngakumbi ngamaxesha anjengelikabhubhane naxa impilo yomsebenzi okanye eyabanye isemngciphekweni. Kuyenzeka kuthi kanti ipolisi yenkampani ayikuvumeli ukusebenzela ekhaya. Indawo inganenxaxheba kwisigqibo sokuwuthatha umsebenzi xa enokuzibona esebenzela ukuhlawulela ukupakisha imoto ngenxa yendawo esikuyo isakhiwo sokusebenzela.

[Sithathwe ku: www.moneyweb.co.za; sibhalwe nguCraig Torr saguqulelwa esiXhoseni, saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo ntengiso (ISICATSHULWA D) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA D**




[Sithathwe kuwww.pinterest.com]

3.1 Nika amagama amaBINI athetha ukuba imveliso isebenza ngokungaqhelekanga. (2)

3.2 Khetha impendulo echanekileyo ngezantsi.

Umfanekiso usebenzisa **ubungakanani** ukuqaqambisa ukomelela kwesutikheyisi ngokwenza ukuba ...

A isutikheyisi encinci isokolise inyathi enkulu.
B inyathi igobe umsila ihamba.
C iimpondo zenyathi zihlabe isutikheyisi.
D isutikheyisi ime phambi kwenyathi. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.3 Xela zibeMBINI iimpawu umfanekiso okrobisa ngazo ukuba inyathi iyasokola ukududula isutikheyisi. (2)

3.4 Khankanya into efana ngayo inyathi nesutikheyisi ngokomfanekiso. (1)

3.5 Caphula amagama amaBINI anokuchukumisa umnqweno womthengi wokubanayo le isutikheyisi. (2)

3.6 Khetha ukuba ubaxo olukumfanekiso luyabathundeza okanye alubathundezi abantu ukuba bayithenge le mveliso. Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

**ISICATSHULWA E**




**ISAKHELO 1** **ISAKHELO 2** **ISAKHELO 3**

[Ithathwe ku-www.zitscomics.com]

4.1 Caphula kwisakhelo soku-1, amagama amabini alandelelanayo ayenza ibelula into eza kwenziwa. (1)

4.2 Khetha kwakwisakhelo soku-1 igama elithetha ukuba abazukuyicela mntwini incwadi abayifunayo uRiya noLutho. (1)

4.3 Ngqina ukuba ngokwembonakalo yomzimba ekwisakhelo soku-1 uLutho uyayoyika into ethethwa nguRiya. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

4.4 Khetha impendulo echanekileyo yokuvala isikhewu esingezantsi;

Isixhobo sokugqamisa uluvo lukaLutho esikwisakhelo sesibini sesokuba ... kwabakwezinye izakhelo.

A mkhulu ngokwahlukileyo
B mncinci ngokungaqhelekanga
C uzisonge ngokoyikisayo
D ulila ngokuqaphelekayo (1)

4.5 Nika uphawu lokuqweqwedisa (a) kokubonakala ngamehlo (b) nakumagama akwisakhelo sesithathu. (2)

4.6 Chaza ukuba lubonakala njani uxambuliswano kwiintshukumo zikaRiya noLutho ukusukela kwisakhelo 1 ukuya kwisakhelo 3. (1)

4.7 Khetha ukuba ikhathuni ibonakala idlelelela abantu abadala okanye abasetyhini. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: IPROZI**

Funda esi sicatshulwa (ISICATSHULWA F) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA F**

**VELA BAHLEKE**

1 Ndisuka eGoli kulo nyaka uphelileyo, sihamba emva <u>kwayo imoto</u> eqhutywa kakubi de safika amagosa endlela evalile. Wemiswa wehliswa umqhubi, wabuzwa ukuba kutheni eqhuba ngesantya esiphezulu eqhuba amatakane. Ithi impendulo yakhe, 'Uyayibona le moto mfo wam, isantya sayo siyandivumela ukuba ndingahamba ngala makhulu mathathu anamashumi amabini enaso' – Igosa lendlela lithi, 'Kodwa umthetho wendlela ukuvumela ukuba uhambe ngekhulu elinamashumi amabini kuphela.' Indoda ebanjiweyo isafuthekile, 'Kaloku bekufanele ukuba kwenziwa iimoto ezineso santya hayi esi sikule yam.' Igosa liphendule, 'Uya kuyiphendula ejele nakubantwana bakho leyo, thina siyakubamba kanye noku kucikoza kwakho.'

2 Naanko unkabi eman'ukucholachola umhlaba apho kunyathele khona igosa lendlela. Lixakiwe igosa ukuba wenzani, umbanjwa uyaqhuba uman'ukufaka umhlaba eplastikini. Ubuyela emotweni yakhe umbanjwa, chatha ipetroli abuye athi qhuzuqhuzu. 'Ukuba akundixoleli nawe soze ukwazi ukuhamba uza kudumba ezo nyawana zakho.'

3 Ga-ga-ga-ga-ga-! Ukuhleka sonke emotweni kuba simjongile egalela ipetroli kuloo plastikana yakhe, nkqu negosa limbonile. Kaloku sicinge ukuba uyabaleka kanti uququzelela ukwenza okuya kumatha kokucinga ukuba uza koyikwa.

[Sithathwe kwi*S'olezwe.* LesiXhosa sibhalwe nguSonwabo Yawa yaze yahlelwa.]

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.1 Bhala isichasi segama u 'emva' obhalwe ngqindilili kwisivakalisi esilandelayo.

Ndisuka eGoli apha kulo nyaka uphelileyo, sihamba **emva ...** (1)

5.2 Bhala imo efinyeziweyo yebinzana elinomgca ngaphantsi.

... sihamba emva <u>kwayo imoto</u> ... (1)

5.3 Bhala kwakhona isivakalisi esilandelayo sibekwintetho- ngqo.

Wemiswa wehliswa umqhubi, wabuzwa ukuba kutheni eqhuba ngesantya esiphezulu eqhuba amatakane. (3)

5.4 Bhala isivakalisi esingezantsi sibekwisininzi.

Indoda ebanjiweyo isafuthekile ... (1)

5.5 Chaza umahluko kwintsingiselo yezifanekisozwi, u'qhuzuqhuzu' ... no'Ga-ga-ga-ga-ga-!' ngokokusebenza kwabo kwisicatshulwa. (2)

5.6 Chaza okuhlekisayo ngokusetyenziswa kwegama 'plastikana' kwisicatshulwa. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**QAPHELA**

- Esi sikhokelo sokumakisha senzelwe ukuba sibe sisikhokelo kubamakishi.
- Asenzelwanga ukuba sibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.
- Isikhokelo sokumakisha siya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha.

**IMIYALELO KUBAMAKISHI**

**Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:**

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.
- Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lusetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.
- **Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo** akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku **ukuba ngaba** igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: ISICATSHULWA

## UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

1.1 Lifana ngenxaxheba yalo kumzi ngamnye, kuhlanga ngalunye nakwisithethe ngasinye.√/ Lifana nomntu ngokunika ukukhanya.√/Lifana nomntu ngokuzisa ivumba elimnandi endlwini.√ (1)

1.2 Zinika ukukhanya.√/Zinika ivumba elimnandi.√ (2)

1.3 Sizisa intsingiselo yokuba omnye wenza komnye nomnye wenza komnye. √√/ Sizisa intsingiselo yokuncedana.√√ (2)

1.4 Umntu uluphungula ngobukho bakhe buqu/ umntu uphungula uxinzelelo lwengqondo nolomphefumlo/ umntu unika amazwi enkxaso kulowo unoxinzelelo lwengqondo nolomphefumlo√/ ikhandlela liphungula ngokulayitwa kwalo.√ (2)

1.5 Sesokufumanisa ukuba yiyiphi evuthayo phakathi komtya namafutha kwikhandlela.√ (1)

1.6 B√/B/I-oksijini zikhuphe ikhabhoni-dayoksayidi.√ (1)

1.7 Le ntetho inokusetyenziswa xa kusomelezwa umntu ofuna ukuzisa ukukhanya abe esetha ithemba namandla.√√/Xa kukhuthazwa into entle/ kunconywa imisebenzi emihle yomntu yokuzinikela.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

1.8 Ndiyaxhasa ukuba imizekelo ichanekile kuba yomibini ityhila ukufuneka kobumnyama ukuze licace igalelo lokukhanyisa.√√ (2)

1.9 Kulufuthela ngokuba sekukho nezaci ezisekwe kwikhandlela nomntu.√ (1)

1.10 Yeyokuba ulwimi luhlala lukhula ngokuhlalisana kwabantu nezinto ezibangqongileyo.√√ (2)

1.11 'Unyibilika axel'ikhandlela.'√ (1)

1.12 Luluvo√ kuba akukho bungqina bophando olusekwe kulo ibango.√ (2)

1.13 Enye intsingiselo yeyekhandlela eliyimalana engumkhumezelo yokuncedisana nekhaya eliphantsi kwelifu elimnyama√ enye yeyelilumekwayo elibanomlilo obonwa ngamehlo.√ (2)

1.14 Bubuxoki kuba lo mhlathi uthi umntu akaphelelwa, engapheli nokuphela xa esenza okuhle komnye√√/kuba lo mhlathi uthi umntu onceda abanye utsho ngesithatha sokuhle okungapheliyo.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.15 Ngemisebenzi yabo yangokuya bebesaphila √/Ngemisebenzi yabo yangokuya bebesaphila equka ukukhanyisa/ ivumba /elimnandi/ ukuzola nokuphozisa.√
(Nayiphi kwezi.) (1)

**ISICATSHULWA B**

1.16 Kukutsha kwekhandlela√ ukunyibilika kwekhandlela√Imihlisela yekhandlela ibonakalisa iinyembezi√ nobunzima√/ Ngumntu √nekhandlela.√ (2)
( Nasiphi isibini kwezi.)

1.17 Uluvo lokuba nantoni efuna ukuzisa ukukhanya mayinyamezele ukutsha√√/ Uluvo lokuba iinyembezi zingumqondiso wokunyamezela okusa kwimpumelelo efunekayo.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

1.18 Ngowokuba ikhandlela nomntu mazijongwe ngokufana kwemisebenzi yazo.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAWAKHO AMAZWI

Sebenzisa ezi ngongoma zingundoqo zilandelayo ekufuneka zibandakanywe ngabaviwa kwisishwankathelo **njengesikhokelo**.

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaliseni iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Naziphi iingongoma ezichanekileyo ezisi-7 ezibhalwe ngokomhlathi mazimakishwe. (Izivakalisi mazinamathelane.)

| | UCAPHULO | | IINGONGOMA |
|---|---|---|---|
| 1. | Kuyimfuneko ... ukufumana isivumelwano esibhaliweyo asiphicothe, aqinisekise ngemo yomsebenzi awufumanayo. | 1. | Kufuneka umntu afumane isivumelwano esibhalwe phantsi aqiniseke wazi konke ngemo yomsebenzi. |
| 2. | Ukufumaneka kwesibonelelo sezempilo nohlobo lwaso, nemali esikunika yona kuyafuna ukuthathelwa ingqalelo kumsebenzi wakho omtsha. | 2. | Makathathele ingqalelo ukufumaneka nobungakanani besibonelelo sezempilo senkampani entsha. |
| 3. | Kubalulekile ukwazi inkqubo eyisebenzisayo inkampani yokubekela bucala imali yomhlalaphantsi wabasebenzi. | 3. | Makayiqonde inkqubo yomhlalaphantsi eyisebenzisayo inkampani. |
| 4. | Kunokumnceda umntu ukuphicotha iinkcukacha malunga neendidi zekhefu ezisetyenziswa kumsebenzi awujongileyo. | 4. | Makazixhobise ngolwazi oluchanekileyo ngeentlobo zekhefu ezisetyenziswa yinkampani. |
| 5. | Kuphicotho alwenzayo agqale ulwazi olubhalwe phantsi malunga namalungelo abasebenzi aquka izibonelelo ezifana nebhonasi, nentlawulo yomsebenzi wamaxesha ongezelelweyo. | 5. | Makaqonde ngamalungelo abasebenzi abhalwe phantsi malunga nebhonasi nentlawulo yomsebenzi owenziwe ngaphaya kweeyure zomsebenzi. |
| 6. | Kungakuhle ukubanolwazi ngamalungelo amalunga nokudendwa, nokonzakala esemsebenzini. | 6. | Lufuneka kwangoku ulwazi ngamalungelo xa bedendwa naxa belimalele emsebenzini abasebenzi. |
| 7. | Kulungile nokuqinisekisa indawo okuyo umsebenzi omtsha nokuthi uyawanika amathuba okusebenzela ekhaya. | 7. | Qinisekisa ukuba indawo okuyo umsebenzi ayengezi zindleko nokuba iyakuvumela na ukusebenzela ekhaya xa kuyimfuneko. **[65 amagama]** |

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UKUBHALWA NGOKOMHLATHI**

**QAPHELA:** Oku kulandelayo ngumzekelo nje kuphela. Akungommiselo kwaye makusetyenziswe ngobuchule.

| **UMHLATHI** |
|---|
| Xa umntu efumana umsebenzi makafumane isivumelwano esibhalwe phantsi esiqinisekisa ukwazi konke ngemo yomsebenzi. Makathathele ingqalelo ukufumaneka kwanobungakanani besibonelelo sezempilo senkampani entsha. Makayiqonde inkqubo yomhlalaphantsi eyisebenzisayo inkampani. Makazixhobise ngolwazi oluchanekileyo ngeentlobo zekhefu ezisetyenziswa yinkampani, ngamalungelo abasebenzi abhalwe phantsi malunga nebhonasi nentlawulo yomsebenzi owenziwe ngaphaya kweeyure zomsebenzi. Lungafuneka engekangeni ulwazi ngamalungelo xa bedendwa naxa belimalele emsebenzini abasebenzi. Aqinisekise ukuba indawo okuyo umsebenzi ayengezi zindleko nokuvumeleka kokusebenzela ekhaya xa kuyimfuneko. |
| **[67 amagama]** |

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni kuphela iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo lwamanqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7 (inqaku ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
  - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
  - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abaviwa becaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: akunikezelwa manqaku olwimi.
  - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela inqaku libe-1 lolwimi.
  - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela amanqaku abe ma-2 olwimi.

**QAPHELA:**

- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umviwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kuma ekupheleni kwesivakalisi eliphele kuso inani eliqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**Umakisho lweCANDELO C:**

- Upelo
  - Iimpendulo ezinegama elinye mazimakishwe nokuba upelo lugwenxa, ngaphandle kokuba isiphene sitshintsha intsingiselo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo upelo olugwenxa malunyityelwe amanqaku ukuba impazamo ikwimigaqo yolwimi oluhlolwayo.
  - Xa kuhlolwa izifinyezi impendulo mayibonakalise ukusetyenziswa kweziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo kwizivakalisi malubhalwe ngemigaqo yegrama echanekileyo nangezivakalisi ezipheleleyo/ngokomyalelo.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO**

3.1 Iyamangalisa√/ayikholeleki.√ (2)

3.2 A√/A/Isutikheyisi encinci isokolisa inyathi enkulu.√ (1)

3.3 Luthuli.√/Ukuxhathisa kwamanqina enyathi.√/Ukuvela kwezoso.√/ Ukugoba komsila.√/Ukufinga iintshiya. √/Iphakamise imilenze yangaphambili. √/ Ivule umlomo ulwimi lungaphandle.√/Ivule amaphumlo.√/Icimele.√/ Igobe iimpondo.√ (Nasiphi isibini seempendulo esityhila iimpawu zokusokola kwenyathi siya kwamkeleka.) (2)

3.4 Zifana ngamandla√ ngokufingana kwinyathi namaqoqo kwisutikheyisi√ Zombini zihamba ngamanqina/ ngamavili amane√/ Zomelele zombini√ Ziyamenyezela√/ Zineendawo zokubamba: iimpondo nomqheba√/Zombini zinombala omnyama√/Zombini zimile.√
(Nayiphi kwezi.) (1)

3.5 Ingwanzilili√/Ikhaphukhaphu.√/ Inobukhaphukhaphu. √/ Obungaphephukiyo.√
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.6 Luyabathundeza abantu ubaxo olukumfanekiso kuba ukubaxeka kobuncinci besutikheyisi xa kujongwe nobukhulu benyathi kungabalukuhla abathabathekayo kuba baza kuyikholelwa eyokuba isutikheyisi encinci ingayohlula inyathi batsho bayinqwenele.√√

Okanye

Alubathundezi abantu ubaxo olukumfanekiso kuba ukubaxeka kakhulu ngokobuncinci nobukhulu/ngokobunzima bokutyhala isutikheyisi obubonakaliswe ngokunzinyelwa kwenyathi kuyenza ingakholeleki batsho abaqonda ulwimi lwezibhengezo bangathundezeki√√/Kwabanye abantu ukulwa kwenyathi nesutikheyisi akukholeleki batsho bangayicingi nokuyicinga ukuba isutikheyisi iyathengiswa.√√ (2)
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) **[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

4.1 'masivele singene'.√/sizithathele esiyifunayo.√ (1)

4.2 'Sizithathele'.√ (1)

4.3 Ndingqina ngokuba ukoyika kubonakala kwisenzo sokuwucutha/ nakwesokuzibhekelisa ngokomzimba kule nto ithethwa nguRiya.√√ Kubonakala kunyuso lwamagxa√√ / Kutshoniso lwentloko√√/Ngokumza ngecala.√√ / Kwizandla ezithe nca emacaleni.√√ Ngokubamba umzimba.√√/ Ngentamo etshonileyo.√√Kucutho lwamagxa.√√Kubuso obunxungupheleyo.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

4.4 A√/mkhulu ngokwahlukileyo√ /A. mkhulu ngokwahlukileyo.√ (1)

4.5 (a) Kukutsalwa komntu ngehempe√ (b) Yiza!/uphawu lwesikhuzo oluhamba nesiyaleli esinguYiza√ /Yiza obhalwe ngefonti enkulu/ engqindilili.√
(Nayiphi kwezi.) (2)

4.6 Ngokuba bakhombisana ade uRiya amtsale uLutho.√ (1)

4.7 Idlelelela abantu abadala kuba umntu ogxagxamisayo ngumntu omdala esebenzisa ubunganga emntwaneni, xa bebelingana ngokobudala besiya kuthi idlelelela ngokwesini.√√

Okanye

Idlelelela abasetyhini kuba umntu wasetyhini ubonakaliswa njengomntu ongamniki ithuba lokuzithathela izigqibo umntu wasebuhlanti.√√/ nanjengokuba iikhathuni zilusebenzisa umelo, ukungalingani ngokobukhulu, kungathathwa ngokuba xa enziwe wamkhulu umntu wasetyhini umele ugonyamelo abaqhuba ngalo iincoko zemihla ngemihla ngeli xesha ukwenziwa mncinci kowasebuhlanti kumele isikhundla esisezantsi ababekwa kuso ngabasetyhini kwiincoko eziqhuba emakhaya.√√ (2)
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) **[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5: IPROZI**

5.1 Phambi √ (1)

5.2 Kwemoto ...√ (1)

5.3 'Misa!√, Yehlika!√ Kutheni u√qhuba ngesantya esiphezulu u√qhuba amatakane?√/'Yima.√
(Nasiphi isithathu kwezi.) (3)

5.4 Amadoda abanjiweyo asafuthekile ...√ (1)

5.5 U'qhuzuqhuzu' ... unika intsingiselo yokuba uhleke kancinci/uhlekele ezantsi kanti u'Ga-ga-ga-ga-ga-!' Unika intsingiselo yokuhleka okunelizwi/uhlekela phezulu.√√
(Mawangaqhekezwa la manqaku.) (2)

5.6 Kuhlekisa impoxo esisiphumo sokusetyenziswa kwesinciphiso esinyembayo.√√ (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**